


Sinentlanganiso yosapho.

Apha kukho utata, udadobawo uPula, utatomncinci uChavani, uEddie, uAttie, mna kwakunye nomakhulu.

Ndingoyena mncinci.




Unomathotholo uhlala ekhala imini nobusuku ekhayeni lam.

Simamela iindaba rhoqo.



Izikolo bezivalwe iinyanga ezininzi ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo ngurhulumente (ilokhdawuni).

Utata uqale ngelithi, “Lusapho lwasekhaya, kufuneka senze isigqibo ngokubuyela kwabantwana esikolweni.”



Udadobawo uPula wayexhalabile. “Xa izikolo zivulwa loo nto ithetha ukuba abantu abaninzi baya kosuleleka.

Imeko inakho ukuba mandundu,” utshilo.



UAttie uthe, “Ndiyakoyika ukufumana esi sifo.

Masilindeni iiveki ezimbini sibone ukuba izinto zihamba njani esikolweni. Kukho ukudideka okuninzi.”



Utata uthe, “Ndoyikisela umakhulu.


Ukuba abantwana bangosuleleka beze naso ekhaya esi sifo, ingayinto embi kakhulu kuye.”

Umakhulu wanqwala intloko.



Umakhulu wam sele emdala. Unesifo seswekile nesimo sentliziyo.

Ndiyoyika kakhulu. Ndikhathazekile ngabantu basekhaya.



Utatomncinci uChavani wathi, “Ndicinga ukuba abantwana mabahlale ekhaya, njengesithintelo. Makhe sime sibone ukuba izikolo zikulungele na ukwamkela abafundi.”

Wonke umntu wavumelana naye ngaphandle kukaEddie.



“Ndimele ukuya kwisikolo samabanga aphezulu kulo nyaka uzayo.

Andazi nokuba ndingawugqiba na umsebenzi.

Ukwenza izifundo zam kwi-intanethi asiyonto yam,” watsho uEddie.



Andinaxhala lokuba semva kumsebenzi wesikolo.

Ndinexhala lobuntu. Siza kuphathana njani ngoku?

Simele ukujongana nale ngxaki sonke.

## ——Imibuzo

1. Bhala intsingiselo yala magama: ukosuleleka, ubudala, ukuthintela, ubuntu.
2. Chaza intsingiselo yokuthi ‘unexhala ngoluntu jikelele’.
3. Ucinga ukuba olu sapho lwafikelela kwesiphi isigqibo? Ngoba kutheni?
4. Ngoobani abantu bakokwenu?
5. Waziva njani xa wawudibana noogxa bakho esikolweni kwakhona, emveni kommiselo weentshukumo wesizwe ngelixa le Khovidi-19?
6. Ngaphandle kwesifo seswekile, zeziphi ezinye iimeko ezine zempilo ezinokuwanciphisa amandla omzimba womntu?
7. Zeziphi izigqibo othi uzenze ngemini nganye?

Eli bali lisekelwe kwiingxelo ze-RX Radio. I-RX Radio sisikhululo sika nomathotholo wabantwana esikwi-intanethi, esilawulwa ngabantwana besenzela abanye abantwana.

I-RX Radio isebenzela kwisibhedlele sabantwana iRed Cross War Memorial eKapa.

I-RX Radio incedisana nabantwana ukuba babalise ngezinto ezibalulekileyo kubo.

Tyelela iRX Radio

